

OKTOBHA 2012

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

U-ANGELA YINKOSIKAZI YONYAKA; U-WILFRED UWONGWE NGEKHAKA LIKASODOLOPHU NGOLONDOLOZO-NDALO ABASEBENZILEYO BAYAWONGWA

UAngela Heslop, uwayesakuba ngumongikazi okhuthela kakhulu owasebenza

dawo yaseHermanus, ufumene iwonga lokuba yi-Overstrand Municipality's

Woman of the Year kwi-Night of Excellence ebibanjelwe eHermanus ngoLwesithathu umhla wama-22 Agasti.

UWilfred Chivell uwongwe ngekhaka likaSodolophu ngoLondolozo-ndalo.

Bebonke bangama-25 abantu namibutho efumene iimbasa. (Funda ezinye iingxelo kulo lindixesha.)

Lo ibingunyaka wesine ilandelelana ekubanjwe iNight of Excellence. Kongezwe ubuqaqawuli koku busuku ngomculo wePro Musica Choir, uCassia Mildner ekwipiyano, negela labathathu lomculo weeklasikhi likaMaike Skein (cello), uHein Attwood (violin) noAnemarie Rautenbach (ipiyano).

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthethe ubusuku obufana nobo ayibobokuwonga nje kuphela koko ikwabobokuqinisekisa ngemithetho esisiseko soluntu lwethu nezinto emasizame ukuzifikelela. Ngokutsho kwakhe kulula ukuthi okusingqongileyo nendalo entle zezona zinto sinazo kodwa bambalwa abenza iinzame zokuzikhusele ezi zinto nokuzilondolozela isizukulwana sethu. Ophumelele ikhaka likaSodolophu lolondolozo-ndalo uWilfred Chivell, ubonakalise ukuba ukuthetha kungaguqulwa kube zizenzo kwaye kokusingqongileyo kungafunyanwa okunexabiso kwezogqosho okuhlala kukho.

Ukukhathalela abanye ibingumxholo wobu busuku. Sinayo into yokubalibala abantu abadala. Kufuneka sikhumbule ukuba nathi siya siba badala kwaye siya kuchulumanca xa omnye umntu esonwabisa ngentetho emnandi nangenatyatyambo.

Kufuneka sikhumbule ukuba singanefuthe kwixa elizayo ngabantwana bethu. Ngako oko kubalulekile ukuba isiseko senziwe kwizikolo zabantwana abancinci. Njengokuba bekhula besiya beba badala kufuneka siqinisekise ukuba zikho ezinye izinto ezinokutsala umdla wabo bangayi etywaleni nakwiziyobisi.

USodolophu uthethe uza kumka kwelo



UWilfred Chivell noSodolophu uNicolette Botha-Guthrie

kakhulu iminyaka emininzi kwiinkalo ezininzi esenzela ukuyenza ngcono in-



UAngela Heslop noSodolophu uNicolette Botha-Guthrie

theko enethemba elitsha kuba ubonile ukuba ngomdla nothando iintaba zingadilizwa. Nokuba awude usindise isizwe sonke kodwa ngokuzama ungenza umahluko kubomi bomnye umntu.

UMAMA WONYAKA

"Ubusazi na ukuba abona bantu benza izinto ezibukwayo - nditsho abo benza umahluko eluntwini, benika ithemba nenkuthazo, beguqula ubomi babanye ukuze bube lula - ngabona bantu bangaqatshelwayo ekuhlaleni, futhi ke bekunwabela nokusebenza emfihlakalweni apho bangenakuqatshelwa lula khona, bengazidubi konke konke ngakuzoza emehlweni abanye? Noko kunjalo, ndicinga ukuba nabani na angakuvuyela ukunconywa nokukhuthazwa esidlangaleni ngomsebenzi omhle awenzileyo.

La ngamazwi kaCeba uLisel Krige kumsitho wokubhengezwe kwamagama aloo makhosikazi athe atyunjwa njengafanelwe kuthiwa jize ngembasa yokuqaphela eyona nkosikazi izibalule gqathu ekugquleni ubomi babanye abantu kulo mnyaka ka-2012, mbasa leyo yaziwa ngokuba yi-Women of the Year Award. Emva koko uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ube sele ewonga igqiyazana ngalinye elibizweyo ngesatifikethi esiyimbasa yokuqaphela umsebenzi omhle eliwenzileyo eluntwini.

Eyona nkosikazi ithe yawagqwesa onke nguAngela Heslop, nothe wafumana imbasa ngokuzinikezela kwakhe esebenzisa



USister JM Beukes, uAngela Heslop, uJenny Sauls, uSebina Jantjies, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, ulize Smith, uDebbie Hull noSister Loryna Wentzel.

italente yakhe eeqeqesha uluntu kwizakho no zobomi, futhi engakhathalele ntlawulo isuka kubani. Singabalula indima yoqeqesho ayidlalileyo kwimibutho yasekuhlaleni efana noomaHermanus Red Cross, oomaHermanus Provincial Health Facility Board, aBahlobo besibhedlele iHermanus, ooEnlighten Education Trust, oomaHermanus History Society, oomaCampbell Farm - ndibala ntoni na?

Phakathi koluhlu lwamakhosikazi athe atyunjelwa ukufumana le mbasa singabalula la alandelayo:

UDebbie Hull, othe wawongwa ngokuzinikela kwakhe ekulweni usetyenziso lweziziyobisi notyala kwilokishi iMthimkhulu (eKleinmond), apho athe wazibalula njengomququzeleli, umbhexeshi nanjen-

gomcebisi kwimiba yokutya okuya egazini;

Ulize Smith, othe wazibalula ngemisebenzi yakhe emihle kumbutho wophuculo lwentlalo yezilwanyana eHermanus, nowaziwa njengeHermanus Animal Welfare Society, apho enze ezibukwayo ngokuthi kwisithuba nje seminyaka emibini asuke kwisihlalo sokuba ngumsebenzi nje ongahlawulwayo anyukele kwisihlalo sokubangumphathi osemaghuwini kulo mbutho - esebenza ngentliziyo yakhe yonke de acuntsule nakwixesha lomsebenzi wakhe wesigxina kwisikolo sabantwana abancinci ekuhlaleni;

UJenny Sauls, nowathi waseka umbutho ongowakhe ongafumani nzuzo, nto leyo wayenza ngeenjongo zokuhlangula isikolo sabantu abadala, iLombardi Centre

for the Aged, esasisengozini yokuvalwa ngenxa yeengxaki zemali;

UMaatjie Wandrag, ozibalule ngokuthi asebenzise ulwazi lwakhe nezakhono ezikhethekileyo kulawulo lwesikolo sabantwana abancinci ngeenjongo zokubethelela oyena ndoqo ekukhuliseni abantwana ngokukukho, le nto eyenza engqale ngqo kwiingingqi ezazisakuvinjwa amathuba ngaphambili;

USebina Jantjies, othe yena wazinikezela njengeliso lezentlontle kwiingingqi iHawston;

USister J.M. Beukes, owazinikezela ngokuthathela kuye uxanduva lolawulo lweziko lokujongana nempilo yabantu abasele bekhulile, walinuyasa izinga leli ziko ngokuthi alandise ukuze lingajongani nje neemfuno zezigulana zalo kuphela koko lincede nangooqeqesho lweetitshala zawo onke amaziko afana neli kwisithili i Overberg siphela.

USister Loryna Wentzel, osekhle wazula imbasa ngaphambili ngokuba ngoyena mongikazi uhloniphekileyo eluntwini, nothe wazibalula ngokuhoyana nabantu ababuthathaka ngokwasempilweni, esebenzisa ulwazi lwakhe nezakhono zakhe ngentliziyo yakhe yonke.

I-OVERSTRAND INEYONA TALENTE ELIZWENI LIPHELA

"UMasipala weOverstrand ukwindawo eyodwa yokuba nabantu abaneyona talente abahlala kwindawo yakhe okanye abanxulumene naye," utshilo uCebekhulu uPieter Scholtz, usekela-sodolophu xa ebesazisa abatyunjweyo kumacandelo. Woleke wathi ngenxa yonxulumano lwabo nale ndawo abapheleli nje ekuphakamiseni ukuhlonitshwa kwale ndawo koko uninzi lwabo luvoletyisa ixesha, lunikele ngemali yalo namandla kuluntu lweOverstrand.

Abazuze iziqinisekiso zobungcali ngaba balandelayo:

UAnna Spaarwater noCorrie Botha ngenxaxheba yabo yemin-yaka emininzi kwiHermanus Times Kalfiefee; UAnna, ngokulawula kwakhe abathathi-nxaxheba emidlalweni yeqonga nabaculi nangokuyiphatha kakuhle kakhulu i-ofisi, noCorrie ongumlawuli weemali zefestivali.

UProf Derrick Dickens, onga-wongwanga nje ngenxaxheba ebalulekileyo ayithathayo kushishino lw-ezokhenketho koko nangokusebenza ezinikezele ukwenzela uluntu lwakhe neHermanus ngokubanzi ukuba ibe iindawo engcono, ethatha inxaxheba kwikomiti ye-wadi nakwiOverstrand

Municipal Advisory Forum, iNeighbourhood Watch, neCommunity Police Forum neDistrict Police Forum. Ungusihlalo weHermanus Provincial Hospital Facility Board kwaye ukwimomiti yeKalfiefee apho aqinisekisa ukuba enye yezinto ezikufuphi kakhulu entliziyweni yakhe ifumana ithuba elilingana nelezinye.

Abalawuli nabasebenzi beKlinikhi iGerimed yabantu abadala baseKleinmond. Bawongwe ngomsebenzi wabo omhle ngethuba babehlangula abantu kumilo owawuvele ngoJuni kwelinye icala lale klinikhi. Abahlali bale ndawo abangaphezulu kwama-30 bahlangulwa basiwa kwindawo ekhuselekileyo, abanye besezibhedini zabo. Amaxhoba, uninzi lwawo atshelwa yinto yonke yawo apho, emva koko ancedwa ukuba afumane enye indawo yokuhlala atsho aqhubekeke nobomi bawo besiqhelo.

ULindile Ntsabo, ngomsebenzi wakhe oqaqambileyo wokuphuhlisa uluntu eZwelihle, apho athatha inxaxheba kwiZwelihle recycle workshop, kwimisitho yeOverstrand Township gospel, uphuhliso lutshu nabahlobo besikolo iQhayiya secondary. Ngokwenza konke oku ukhuthaza



UAngela Heslop (Abahlobo besibhedlele saseHermanus), uRussell Witthuhn, uLindile Ntsabo, uLouis van Heerden, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uProf Derrick Dickens, uCarel Pieterse (iKlinikhi iGerimed) noWillie Loedolf.

abatsha nabadala adale unxibelelwano phakathi kwemibutho ephantsi kumahlumene naleyo ingekho phantsi kwakhe noluntu ngokubanzi.

ULouis van Heerden, negalelo lakhe njengeceba nangokukhuthaza ezobuchule eOverstrand. Uxhase ukuba kuthengelwe i-odithoriyam i-grand piano, waseka i-Overstrand Arts/Kunste esekelwe eluntwini, waquzelela iminyhadala yomculo nemidlalo yeqonga engaphezu kwama-50, phakathi kwezinye, isetyenziswa ukuphuhlisa abantu abatsha, nentalente yaseOverstrand nokunika ithuba lokuba uluntu luwuve umculo weklasikhi.

IKwayari iPro Musica, ebhexeshwa nguAnnemarie Rautenbach, eyasekwa kwiminyaka engama-30 eyadlulayo ikhulile ukusuka kwiqela nje elicula ngamazwi yayikwayala eyaziwa kwiHlabathi liphela. Abaphumelelanga nje ikhaka leyona kwayala yabadala kukhuphiswano lomculo obeluseStellenbosch koko kwiminyaka emininzi banikele ngemali yabo engaphezu kwama-R500 000 ekuncedeni uluntu.

URussell Witthuhn waseKleinmond, injineli ye-electronics- ne-software nokuba ngowokuqala ukufumana izinto ngobuchule bakhe ekuqokeleleni iinkcukacha zemozulu enceda abaqhubi beenqwelomoya, ukunciphisa ingxolo namanqanaba okuduma kwamaphiko omoya, nokuxhasa itekhinoloji yokulondoloza okus-ingqongileyo.

UWillie Loedolf, negalelo lakhe ekuyileni inkqubo yeqela iHermanus Hacking, ukuyila izixhobo ezenziwe ngenjongo, ukufundisa abasebenzi umsebenzi nokufota izinto ezenziwa liqela.

ABahlobo besibhedlele saseHermanus, umbutho ongenzi ngeniso oqale ukusebenza ukususela ngoJuni 2000 uwongwe ngokuncedisa isibhedlele sephondo ukuba sikwazi ukumelana neemfomo zoluntu lweOverstrand olwanda ngokukhawuleza. Kule minyaka ilishumi edlulileyo aBahlobo banikezele ngemali kananjalo benza umsebenzi wobuvolontyisa. Iyonke loo nto iqiikelelwa kwiirandi ezisigidi.

AWONGIWE AMATSHANTLIZIYO OPHUHLISO LWENDALO

"Into yokuba uSodolophu wethu uzimisele ukukhupha iimbasa rhoqo ngonyaka ukuze kuwongwe abo bagqwesayo kwimiba yezendalo nokusingqongileyo iyabonisa ngenene ukuba okusingqongileyo kunegalelo elikhulu kuqoqosho lwale ngingqi." La ngamazwi kaGqirha Anina Lee, umphathi wezonxibelelwano kwinkampani ejongene nezolondolozo lwendalo eyaziwa ngokuba yiWhale Coast Conservation kumsitho wokutyunjwa kwamatshantliziyo aqwasayo ekunyuseni izinga lendalo kwiingqi zawo. Esitho nje umphathi kukuba ukhuphiswano lokukhathalelwa kwendalo yenye yeenkqubo ezabelwe icandelo lezonxibelelwano nangumphathi walo kule nkampani.

Uye wongeza umphathi ngelithi le mbasa, neyaziwa ngokuba yiMayor's Environmental Conservation Award, sele isixhobo esibonisa ixabiso lendalo kwezoqoqosho - ubuhle bayo obuncamis'umxholo, izidalwa zasewandle nasemhlabeni, amahlathana amahle asingqongileyo - andisathethi nto ke ngaloo matshantliziyo angabathandi bendalo, ndisho bonke abo bawa bevuka ubusuku nemini bephakamisa umgangatho wezokusingqongileyo ngeenjongo zokulondoloza obu butyebi bendalo.

Ziinkampani zisixhenxe ezithe zatyunjelwa ukuzuzela le mbasa kulo nyaka. Ezi nkampani ziquka ezi zilandelayo:

UCuan McGeorge, ngokuzibingelela kwakhe kulondolozo loonombombiya kunxweme iStony Point eBetty's Bay. Iprojekthi yakhe iquka ukuncothula zonke izityalo ezitshabalalisayo, ukufakela izindlwana zeentaka, ukunyanga iintaka ezigulama nezenzakaleyo, ukuquzelela nokufumana uqeqesho kwezendalo olwenziwa ngabakwaSANC-COB; nokuqhuba iphulo lokufundisa nokusas-



UCuan McGeorge, uRoydon Phibus (Ikomiti iWetlands yeFerkloof Estate nebala legalufa), uBill Harling (weWalker Bay Nursery), uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uMariana Delport (iklabhu yeentaka yaseTygerberg), uTamryn Zweig (weSA Shark Conservancy), uKaren Laubsher (uluntu lwefama iCamphill) noWilfred Chivell.

aza ulwazi lwezendalo kwabo baneepropathi ezinxuse unxweme olu.

ITygerberg Bird Club, ngeprojekthi (esele inethuba iqhuba) yokugcina amanani eentaka zasemanzini kwiikwari ezimbini, iBot neKleinmond. Iziphumo zolu phando ziye zihlanganiswe nolwazi oluqokelelwe nakwezinye iiprojekthi zenzululwazi ze kwenziwe incwadana yamacebiso aza kunceda kulawulo olujolise kwintlalontle yeentaka kuyo yomibini le mimandla. Xa esenza olu phando, amalungu ale klabhu aye atyelele nakoomaKapa efunana namanani athe ngoo eentaka zasemanzini.

Walker Bay Nursery, ngendima yabo ekulweni ungcoliso lwendalo, bekhuthaza ukulinywa kwezitya zemifuno nokulondoloza indalo - oko bekwenza ngokuthi banike iingcebiso malunga nolondolozo lwendalo, banikele nangeembewu zemithi, zezityalo nezemifuno.

ICamphill Farm Community, apho bazibalule ngeprojekthi yabo yokuncothula izityalo ezitshabalalisayo nokhula - nto leyo iye yanegalelo elikhulu ekucoceni amaxweme

emilambo neminye imijelo yamanzi, oko kuquka namachibi. Impumelelo yale projekthi siyibona ngokuthi amanzi kwimithombo efana noomaPorcupine Spruit noomaSpring Forest abuye ampompoze nje lula kwakhona, kungasoko okwaa kuminxeka.

ISouth African Shark Conservancy, apho bazibalule ngophando nzulu malunga nentlalo yasemanzini nabalubiza ngokuba yiMarine Ecology Research Programme, phando olo lujolise ekwaziseni uluntu malunga nokubaluleka kobutyebi bendalo zasemanzini kunxweme iWalker Bay, ukuze sibukokose ngendlela efanelekileyo. Iprojekthi eziphambili ziquka ukuhlolisa ukuba ingaba ziphetheke kakuhle na izidalwa eziphila emanzini okanye kufuphi nolwandle - izidalwa ezinjengemingen-ga, iintaka zolwandle, ndawonye nezinambuzane eziphila phakathi kwamatyhe elunxwemeni naphakathi emanzini.

IWetlands Committee of the Ferkloof Estate and Golf Course, ngokuphumeza iinjongo zikarhulumente zophuhliso lwendalo eFerkloof. Ezi njongo ziquka ukutyala ngokutsha kwehlathana

lokuhlala iintaka elirhangqe ibala legalufa laseHermanus; Ukwakhiwa nokwandiswa kwamabala athe tye phakathi edolophini nalikhaya kwiingqokelela yezilwanyana okanye izityalo ezininzi eziphilayo; nokugcinwa kakuhle kwebala legalufa kokuze libe kwalikhaya elihle kwiintaphane yezilwanyana nakwizityalo eziphilayo. Le projekthi ingumzekelo omhle wophuhliso oluya kuzinza.

Ophumelele le mbasa yophuhliso lwendalo nokusingqongileyo ibe nguMnumzana Wilfred Chivell othe yena waphakamisa umgangatho wezokhenketho ngeenkampani zakhe ezintathu; iMarine Dynamics Shark Tours (i-MD), iDyer Island Cruises (i-DIC), neDyer Island Conservation Trust (i-DICT). I-MD ne-DIC zona zinkqenqenze phambili kulondolozo lwendalo, ngokuthi zisebenzise kanobom inxalenye yexesha lazo ezilichitha elwandle zifundisa uluntu ngobomi baphakathi emanzini.

Ezi nkampani zontathu zidlale indima enkulu ekuvuleni amathuba eenkomfa ezimbini apho kuye kwakhukuxwa kanobom imicimbi ephathelele kuhoyo nokhathalelo lweephengwini. Zibuye zadlala nendima enkulu ekufundiseni uluntu malunga nokubaluleka koonombombiya, zayibethelela futhi into yokuba ezi zidalwa azimelwe kujongwa nje ukuba "zisengozini na" koko kujongiswe ukuba "ezenzakali na" ezandleni zoluntu.

UChivell ukwalilo netshantliziyo elijongene nempathontle yazo zonke izidalwa eziphila kufuphi kuye. Uzimisele ukuyitshintsha yonke indlela oobona ngayo umdlalo wokutylwila kusetyenziswa iminatha yokubambisa okrebe, futhi ke igugu lakhe ngezoshishino alaneli nje kubonisa indlela echubekileyo yezokhenketho kuphela, koko likwaphuhlisa ngakumbi inkolelo yethu kwezasemanzini.